

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/Isixhosa

August 2021 Edition 1



Support for businesses and workers

Page 3

STAY SAFE

VACCINATE TO SAVE SOUTH AFRICA

TOGETHER WE CAN BEAT THE CORONAVIRUS



Stevie takes on COVID-19

Page 7

Rebuilding SA



Cont. page 2



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US

Vuk'uzenzele @VukuzenzeleNews

Website: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

FREE COPY NOT FOR SALE



Uxhaso Lwamashishini kunye Nabasebenzi

Ukuqala nokwakha ishishini kufana nokukhulisa umntwana. Kuthatha ixesha, umonde, inkxaso ethe gqolo kwakunye nokumkhulisa ngononophelo eseliyuku ade abemdala.

Kosomashishini abaninzi iyophula kakhulu intliziyo into yokubona ishishini lakho owalisusa phantsi lijongene nemicelimngeni yokukhula, okanye xa lijongene neengxaki ezinyanzelisa ukuba livale iingcango zalo.

Kususela oko kwaqala ubhubhane we-COVID-19, ibeyimeko ebuhlungu ejongene namashishini amaninzi kuquka amancinane kunye namakhulu, kwaye le meko ingekho buhlungu kweli lizwe lethu qha kodwa kumhlaba wonke jikelele.

Amanyathelo ekuye kwafuneka siwathathe ukuze siqande ukunwenwa kwalo bhuhbane wentsholongwane abenefuthe elibi kumashishini.

Ukujongana nalo bhuhbane siye safuna ukusebenzisa ubungqina obusisiseko xa siqulunkqa umgaqo-nkqubo kunye nokusebenza. Ngokuthi siqwalasele uphando lwenzululwazi, ubuchule bezonyango kunye namandla esinawo, kwakunye nefuthe kuwo wonke amacandelo oluntu.

Siye sazama ukufumana isilinganiselo phakathi kokugcina ubomi kunye nokugcina indlela yokuphila.

Siye sazama ukunciphisa ifuthe elingalandela ezimpilweni zabantu ngenxa yemiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo, okanye umngcipheko wolunye ubhubhane lwesibini, mhlawumbi indiyikitya yobhubhane olubi nangakumbi

lwentlupheko nendlala kwilixa elizayo.

Kwiintsuku zokuqala kunyaka ophelileyo, sothula amanyathelo afana nesibonelelo sethutyana sabaqeshi nabasebenzi i-COVID Temporary Employer/Employee Relief Scheme (TERS) kwakunye neSikimu Esisisiqinisekiso seMali-mboleko nezinye ke iindlela zokuxhasa amashishini asakhasayo ngokumanika isibonelelo sethutyana esikhawulezileyo ukuze sothule umthwalo emagxeni wabasebenzi noosomashishini.

Ukongezelela, kwabakhona uncedo olukhethekileyo lwezibonelelo sezentslalo ngelokwandisa ukufikelela kwizibonelelo ebe-sele zikhona kakade, ukuze kubonelelwe iintsapho nabantu abahlelekileyo ngeendlela zokuphila.

Ngolu ngenelelo sikwazile ukunciphisa iziphumo ezimbi kakhulu ebezingeza nalo bhuhbane, ngokuthintela ukuvalwa kwamashishini kwanokulahlekelwa nangakumbi yimisebenzi. Olu ngenelelo lwakhe isiseko esiluhlakile seSicwangciso soKwakha ngoKutsha noKuvuselelwa koQoqosho. Sicwangciso eso esisungulwe ngeyeDwarha yonyaka ophelileyo.

Njengexalenye yesicwangciso, sothule iNkqubo yeNgqesho kaMongameli ukuze sibonelele ngengeniso nendlela yokuphila kwizigidi zabaxhamli.

Ngenxa yoku kuvuselela, bangaphezu kwe-300 000 abantu abatsha ababekwe njengabancedisi ezikolweni. Angaphezu kwe-100 000 ama fama aziphilisayo abhaliswe kwiziko ledatha elelingazange libekho ngaphambili apho banokukwazi ukufikelela kwinkxaso ngobuchwephetshe.

Bangaphezu kwe-30 000 abantu abatsha abanikwe amathuba kweze nkcubeko nakwicandelo lobugcisa nemidlalo. Iingcali ezilututsha zona zinikwe amathuba kumacandelo okuphuculwa kweziseko zophuhliso, ukulondolozwa kwendalo namanye ke amacandelo.

Zikhona ke nezalathisi ezibonisa ukuba uqoqosho luthe chu ukuvuseleleka, ngokukhula kwanokuqalwa kwemisebenzi kumacandelo amaninzi, ukususela kwimveliso ukuya kwizimbiwa nezolimo.

Kwangaxesha linye, siyazi ukuba oku kujonga 'ngeliso elikhulu' akubathuzeli ncam abasebenzi noosomashishini abachaphazeleke ngokungathethekiyo, ukususela kulo nyaka ogqithileyo nesiqingatha. Kwaye siyathemba ukuba sizakubona imeko iphukcuka njengoko uqoqosho lusiya luvuleka kancinane.

Ukunyuka ngokukhawuleza kosulelo, kusenziwa nangakumbi intsholongwane entsha i-Delta kunyanzelise izithintelo ezingqongqo kwiintshukumo zabantu, ukusebenza kwamanye amashishini, kunye neendibano zoluntu.

Noko ibingezozigqibo zilula ukuzithatha ezi, ngenxa yokwazi ulwamvila oluzokuvakala kwiindlela zokuphila kwabantu.

Njengoko senza njalo ekuqaleni kwalo bhuhbane, sathethathethana noogxa bethu kwezentslalo-ntle, amashishini, ezabasebenzi nemibutho yoluntu. Sikhangelwa ukuba ngeyipi indlela esinokuzisa ngayo uzinzo kwezemali esinokuxhasa ngalo amashishini nabantu ngelishesha loxinzelelo.

Iingxoxo kwibhunga lophuhliso loqoqosho lwesizwe kunye nabasebenzi zaba neziphumo



zesivumelwano esithi, awona manyathelo asebenzayo nangakwazi ukuzisa uzinzo olukhawulezileyo kwezemali kukwandisa ixesha lesibonelelo se-COVID-19 TERS kumacandelo achaphazelekiweyo zizithintelo ezibuyekiziweyo kwisigaba sesine sokumiswa kweentshukumo.

Ukuxhasa amashishini aphelelwe zilayisenisi kunye neemvume eziphelelwe phakathi kweyo-Kwindla 2020 neyeSilimela 2021, sizakwandisa ukusebenza kwawo kude kube ngumhla we-31 kweyoMnga 2022 kwaye akukho ntlawulo yelayisenisi ezakubhatalwa.

Kwakhona kunyaka ogqithileyo, besisebenza ngokungaguqukiyo sikhusele abasebenzi abasesichengeni abamisebenzi yabo ikwingcipheko, ingakumbi kumacandelo abetheke kakhulu afana neevenkile, ukutya neziselo kwakunye nemveliso yesinyithi. Ngenxa yenkqubo eququzelwa yi-Khomishini yoXolelwaniso, uNgenelelo noLamlo, eminye imisebenzi eyi-58 000 igcinakele.

Ngenxa yalo bhuhbane ongabonisi zimpawu zokuphela kwamsinya, amashishini kunye nabasebenzi basahleli esichengeni.


Sibulela ukudibana kwezentlalo kuba urhulumente, amashishini kunye nabasebenzi, sikwazile ukusebenzisana siqhubeke sikhusele abasebenzi kunye namashishini kwiimpembelelo ezinzima kuqoqosho ezenziwe ngulo bhuhbane.

Okwangoku, eyona nto iphambili kuthi kukusindisa iimpilo zabantu kwanokuqinisekisa ukuba sinikezela ngenkxaso efunekayo, ngokwamandla ethu, ukuze sithintele amashishini amaninzi angavali nto leyo engakhokelela ekulahlekeni kwemisebenzi emininzi.

Njengoko senzile ngesibonelelo se-COVID-19 TERS, urhulumente uthe gqolo nokuqhubeka azibophelele kwiingxoxo namashishini kunye nabasebenzi ukuze kufunyanwe indlela yokuphuma kula maxesha oxinzelelo ngokuthi kusindiswe ubomi, kukhuselwe neendlela zokuphila. **V**



SIYABULELA KUMAQHAWE NAMAQHAWEKAZI OBHUBHANE



I-SANDF ilwa ne-COVID-19

More Matshedis

UMkhosi woKhuse-
lo weSizwe wase-
Mzantsi Afrika
(i-SANDF) uncedisana
nokulwa nesifo sentsho-
longwane ye-Corona
(i-COVID-19) kwiphondo
lase-Gauteng, nekulelona
phondo lingumbindi we-
tyeli lesithathu lale ntsho-
longwane okwangoku.

I-SANDF incedisa ngoku-
vavanywa koluntu oluninzi,
ukuhlola kunye nokulandele-
lwa komkhondo, kwakunye
nokuncedisa nakuyo nantoni
na ezibhedlele.

UMkhosi waseMzantsi
Afrika weNkonzo yeMpilo,
uthunyelwe kweli phondo ukuze
uphungule umthwalo emagxeni
abasebenzi bezempilo.

Kubekwe Iqela loMsebenzi
wezoNyango kwisibhedlele
i-Chris Hani Baragwanath
Academic Hospital

esiseRhawutini.

Emva kokuba iphondo le-Gau-
teng libhengezwe njengelona
phondo elinamanani aphe-
zulu e-COVID-19 ngexesha
letyeli lesithathu. Esi sibhedlele
sikhankanywe njengeziko le-
mpilo lephondo, kwaye ngoku
libekelwe bucala ukuze lijongane
nezigulana ze-COVID-19.

Ngaphambi kokuba iQela
loMsebenzi wezoNyango liqale
umsebenzi walo, liye lagonywa
ukuze lihlale likhuselekile
ngelixa lisebenza ngamanani
onyukayo abantu abosulelekileyo
kunye nabamkwelwa esibhedlele.

Inkomanda yeli Qela loMse-
benzi woNyango uKholoneli
Fezeka Mabona, ongumongikazi
oqeqeshiweyo, uthi usebenza
namanye amalungu eqela ngqo
kanye apho uncedo lufuneka
khona.

“Eli qela liqulathe abasebenzi
abaeqeshiweyo kwezempilo
ngokwahluka-hlukeneyo,
kuquka abongikazi, oogqirha,

abasebenzi bezonyango kunye
nabo abaeqeshelwe ezempilo
nokhuseleko emsebenzini,”
utshilo.

Uninzi lwabongikazi luneziqo
zokonga kwinqanaba lesi-
danga, kumakhono ohlukeneyo
aquka ukhathalelo lwempilo
oluphambili.

“Abanye abongikazi
baeqeshelwe ukusebenza
ethiyetha. Sonke sisebenzile
njengabongikazi ngokuthe
gabalala, ababelekisi, ooti-
tshala babongikazi kunye naba-
phathi kuzo zombini iinkqubo,
emkhosini nakwimpilo yoluntu,”
uqhubeke watsho.

Iqela lohlukeneyo ngama-
qelana emisebenzi kwaye
lisebenza ngokutshintshana
ngamaxesha nabasebenzi
besibhedlele ngokweemfuno
zemandelo. Okwangoku eli
qela linikezela ngeenkonzo
zonyango kwiiwadi
ezisithandathu.

“Ngokwalo mzuzu inani




Amalungu oMkhosi waseMzantsi Afrika eNkonzo yeMpilo
ancedisa abasebenzi besibhedlele i-Chris Hani Baragwanath
Academic Hospital ngokunika inkathalo kwizigulana
ezichaphazeleke yi-COVID-19.

labasebenzi liphantsi kunelo
elingakwazi ukulawula inani
labantu obosuleleki-
leyo. Kubaluleke kakhulu
ukuba sizame kanga
ngoko esinako ukuncedisa
nabo ukuze sonke sinqan-
de ukongezeleleka koxinzelelo
kwinkqubo yezempilo,” utsho
njalo uMabona.

Ukongezelele wathi umoya
wentsebenziswano phakathi

kwabongi be-SANDF kunye
nabasebenzi bezempilo
baseluntwini usemhle kakhulu
kude kuzothi ga ngoku.

Ngenxa yokonyuka kwama-
nani e-COVID-19, kulinde-
leke ukuba isibhedlele sifu-
mane ezinye iibhedi, ukuze
konyuswe umthamo waso
weebhedi eziyi-96 ngeenjongo
zokukwazi ukwamkela nezinye
iziguli ezininzi. 

Pandemic sparks good deeds

A CHURCH congregation in Ga-Rankuwa,
north of Tshwane, is doing all it can to assist
the needy during the COVID-19 pandemic.

Kgaogelo Letsebe

South Africans have
been hard-hit by the
Coronavirus Disease
(COVID-19), with many los-
ing loved ones and struggling
to earn a living during these
difficult times.

But the pandemic has also
resulted in stories and acts
of hope, with people stand-
ing together and offering
each other help and support.

This is the case for the Ga-Rankuwa
community in Gauteng.

Following the Level 5 lockdown
in March last year, the Ga-Rankuwa
Presbyterian Church's Reverend
Thando Mpambani put a
Church in Society Committee

in place to help people in need.

“The journey started with the
vision to support the needy.
We initially identified 12 fami-
lies that were in dire need. The
needs varied, but a common
theme was food,” says commit-
tee Chairperson Khutjo Leburu.

The committee rallied the
church's congregation and
neighbours to put substan-
tial food parcels together.


“COVID-19 continues to have
a profound effect on society,
therefore it's everyone's respon-
sibility to share the little we
have with those in need. Instead
of just having a food drive, we
decided to run various drives.

“This year alone we have dis-
tributed school shoes to needy

families, thousands of sec-
ond-hand and new shoes to
Shoes4souls, toiletries to 86 Grade
7 learners at Ikageng Primary
School and we are busy with
a blanket drive,” says Leburu.

While the Level 5 lockdown is
a thing of the past, its effect still
lingers and many families are still
struggling to recover financially.

Leburu says that as long as there
are families in need, the church's
work in the community is not done.

“Churches, as institution of God,
are mandated to support others
and fulfil the Messiah's mission.
It is time churches start playing
active roles in the community,
open their doors to the needy and
stop operating in isolation. We aim
to continue to do this,” she adds. 



A group of con-
gregants from
Ga-Rankuwa are
reaching out to their
community to lend a
helping hand.